Isalathiso: 20171031-6336
13/1/1
Imibuzo: M Ludick

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0009/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*SLES*, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) neemviwo zeMatriki (*SC*)

ISihloko: Ukwaziswa kweziphumo zeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-2017

1. Ukwenzela ukuba iinqununu zibe nokwenza amalungiselelo ayimfuneko okuya kuthatha iziphumo zezi mviwo zilapha ngentla, zize zizitshekishe, kunikwa le **ngcaciso ilandelayo nemihla.** Kucelwa niqaphele ukuba le mihla namaxesha anikiweyo zizinto ezingesosigxina nezinokutshitshwa (*tentative)* yaye niya kwaziswa ngalo naluphi na utshintsho kumalungiselelo. Ii-ofisi zezithili soya kuhlala zinolwazi.

1.1 Lwesihlanu, 05 Januwari 2018 ngo-08:00 — Iinqununu, nabaphathi bamaziko (okanye ootitshala abathunywe ngabo) bafumana iziphumo kwii-ofisi zezithili.

1.2 Iinqununu nabaphathi bamaziko (okanye ootitshala abathunywe ngabo) banikwa iiyure ezi-4 zokutshekisha iziphumo bakhangele ukuba akukho naziphi na iimpazamo ezibonakala ngokulula. Ezi mpazamo mazixelwe kwiCandelo loLawulo lweeMviwo (kwezi nombolo zefoni 021 467 2514 / 2924 / 2934 / 2246.

1.3 Lwesihlanu, 05 Januwari 2018 ngo-12:00 — Iziphumo zinganikwa abaviwa kwizikolo zabo okanye kumaziko abo achaphazelekayo.

1.4 **Qaphela: Akukho ziphumo mazaziswe abaviwa yaye kungekho ngcaciso malunga noku mayinikwe abamajelo eendaba namaphephandaba ngaphambi ko-12.00 nge-05 Januwari 2018.**

Ingxelo engelokhutshelo (*original statement*) yeziphumo zomviwa ngamnye iya kufakwa kwiphakheji eneziphumo zoviwo enikwa isikolo ngasinye neziko ngalinye. Kufuneka izikolo zazise abaviwa kunye nabazali babo ukuba abasayi kuphinda bazifumane ngeposi iziphumo zabo.

1.5	Lwesihlanu, 05 Januwari 2018 ngo-14:00	Iziphumo ziya kuphuma kweli ziko lewebhu le-WCED: **https://wcedonline.westerncape.gov.za**

Kuya kufuneka abaviwa **bafake iinombolo zabo zoviwo** kunye **neenombolo zabo zezazisi** ukuze elowo nalowo akwazi ukujonga iziphumo zakhe kwiziko lewebhu le-*WCED*.

1.6	Ngo Mgqibelo, 06 Januwari 2018 ngo-06:00	Iziphumo ziya kupapashwa kumaphephandaba.
1.7	Ngo Mvulo, 15 Januwari 2018 emva ko-12:00	IiNgxelo zeziPhumo ezingathathwanga ziya kuposelwa ezikolweni nakumaziko emfundo zii-ofisi zezithili zemfundo.
1.8	Lwesine, 11 Januwari 2018 ngo-10:00	ITheko lokuNikezelwa kwamaBhaso e-*NSC eLeeuwenhof*.

2. Malaziswe iSebe leMfundo ngamalungiselelo izikolo namaziko aya kuwenza ngokumalunga nokuza kuthatha iziphumo zawo. Ngako oko ke ziyacelwa inqununu nabaphathi bamaziko ukuba zizalise le fom iqhotyoshelweyo zize ziyithumele kumlawuli we-ofisi yesithili ochaphazelekayo ungadlulanga owe-01 Disemba 2017.

3. **Ukunikwa inkxaso nengcebiso kwabaviwa abangapasanga**

Kubaluleke gqitha ukuba abaviwa abangalupasanga uviwo banikwe inkxaso ngokwasemoyeni nentuthuzelo kwanengcebiso *(support and counselling)*. Mabaxelelwe aba baviwa ukuba kukho inkonzo yentuthuzelo nengcebiso efumanekayo. Le ntuthuzelo nengcebiso inokunikwa esikolweni xa abafundi benikwa iziphumo zabo, okanye, apho kunokwenzeka, kwii-ofisi zezithili ezichaphazelekayo apho kuya kubakho abantu besebe bokwenjenjalo.

Ukuba inqununu, umphathi weziko okanye utitshala othunywe yiyo ithumela umviwa kwi-ofisi yesithili, makanikwe umviwa lowo inombolo yefoni nedilesi ye-ofisi yesithili yaye makunikwe i-ofisi yesithili iinkcukacha zomviwa.

Njengoko kudla ngokwenzeka, abona baviwa bafanele ukuba banikwe le ntuthuzelo nengcebiso, baye bangayifuni ngokwabo, yaye ke kubongozwa iinqununu ukuba zikuthathele ingqalelo oku yaye zibe nemfobe novelwano ngeemvakalelo zabaviwa ekuye akwaphumelela oko bebekulindele.

4. **Ukwaziswa ingcaciso kwabamajelo eendaba**

Abamajelo eendaba baya kuba nomdla wokufumana ingcaciso ezikolweni ngabaviwa abaphume emagqabini bagqwesa mpela kuviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. Iinqununu nabaphathi bamaziko okanye ootitshala abathunywe ngabo bangayinika ingcaciso elolu hlobo kunye neefoto kumajelo eendaba kodwa baqale bathetha-thethane nabazali babaviwa.

ISAYINWE: NGU -PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-11-06